Isifundo 5

**24–30 Apreli*

Abantwana Besithembiso

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 15:1–3, Isa. 25:8, 1 Kor. 2:9, IsiTyh. 22:1–5, 1 Pet. 2:9, Gen. 11:4, Gen. 12:2.

Indima Yenkumbulo:
"Niyabona, mna ndinani yonke imihla, kude kube sekuphelisweni kwephakade eli" (Mateyu 28:20).

Utata nentwazana yakhe eneshumi leminyaka babechitha ikhefu ngaselwandle. Ngenye imini baphuma baya konwabela ukuqubha elwandle bathi, nangona bobabini babeziinjuze, kwisithuba esiphakathi phaya kude nonxweme, bahlukana. Utata, ebona ukuba babesiwa phakathi elwandle ngumsinga, wambiza umntwana wakhe: 'Mary, ndiya elunxwemeni ukuya kufuna uncedo. Xa udiniwe, uphethuke udade ngomqolo. Ungaba udada imini yonke ngaloo ndlela. Ndiza kubuya ndikulande.' "Kuthe kungekudala, abaphandi nezikhitshana zaphenya- phenya phezu kwamanzi zizingela intwazana encinane. Amakhulukhulu abantu elunxwemeni babezivile iindaba baza balinda besexhaleni. Kwaba ziiyure ezine phambi kokuba ifunyanwe, ikude kakhulu emhlabeni, kodwa yayipholile idada ngomqolo ingoyiki konke. Imikhwazo yovuyo neenyembezi zovuyo nokukhululeka kwabulela kubahlanguli xa bebuyela emhlabeni bephethe umthwalo wabo oxabisekileyo, kodwa umntwana yena wakhangeleka ezolile ngokupheleleyo. Kwaba ngathi icinga ukuba ayiqhelekanga indlela abenze ngayo. Yathi, 'Utata uthe ndingadada imini yonke ngomqolo nokuba uza kubuya andilande, ngoko ke ndasuka ndaqubha ndadada, kuba bendisazi ukuba uza kubuya.'"—H. M. S. Richards, "When Jesus Comes Back," *Voice of Prophecy News*, Matshi 1949, p. 5. Iveki Ngokuyithi Tshazi: Kwakutheni ukuze uYehova athi ulikhaka lika-Abram? Zaziza kusikelelwa njani ngoAbraham "zonke izizwe zomhlaba"? Sesiphi esona sithembiso sikhulu kuyo yonke iminqophiso?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaMeyi 1.*

Cawa

25 Apreli

Ikhaka Lakho

“Emveni kwezo zinto, lafika ilizwi likaYehova kuAbram ngombono, lisithi, Musa ukoyika, Abram; ndiyingweletshetshe [ikhaka] lakho, umvuzo wako omkhulu kunene” (Gen. 15:1). Funda: Genesis 15:1–3. Cinga ngale meko yayigquba xa kwakunikwa la mazwi. Kwakutheni ukuze amazwi okuqala athethwa nguYehova esithi, “Musa ukoyika”? Yintoni eyayiza koyikwa nguAbram?

Eyona nto inika umdla ngendlela eyodwa apha yeyokuba uYehova uthi kuAbram “Ndilikhaka lakho.” Ukusetyenziswa kwesimelabizo soqobo kubonisa uqobo lwendalo yolwalamano. UThixo uya kwalamana naye umntu nomntu, indlela aya kwenza ngayo nathi sonke. Ukunikwa igama uThixo njenge“Khaka” kubonakala apha okokuqala eBhayibhileni kwaye kuphela kwexesha uThixo alisebenzisayo ukuziveza, nokuba abanye ababhali beBhayibhile bayasisebenzisa esi saci ukuthetha ngoThixo (Dut. 33:29, INd. 18:30, INd. 84:11, INd. 144:2).

Xa uThixo ngokwaKhe ebiza omnye umntu ngokuthi likhaka, kuthetha noni oko? Ingaba kwakuthetha kuAbram into enokungayithethi kuthi ngoku? Ingaba singakwazi ukuzibangela eso sithembiso? Ingaba kuthetha ukuba akukho monakalo uphathekayo oya kubakho? Zeziphi iindlela uThixo alikhaka ngazo? Uwuqonda njani loo mfanekiselo?

“UKristu akanamdla uzenzekelayo kuthi kodwa unomdla onamandla angaphezu kwakamama ngomntwana wakhe. . . . Umsindisi wethu usithenge ngokubandezeleka nentlungu yomntu, ngokugculelwa, ngokugxekwa, ukuphathwa dlakadlaka, ukuthukwa, ukwaliwa nokufa. Ukwalusile, mntwana kaThixo ongcangcazeleyo. Uya kukunqabisa phantsi kokhuselo lwaKhe. . . . . ubuthakathaka bethu kwindalo yomntu abuyi kuyivala indlela yokungena kwethu sifike kuBawo wethu osemazulwini, kuba uKristu wafa ukuba asithethelele.”—Ellen G. White, *Sons and Daughters of God*, p. 77.

URolando, ngokwayo yonke imbonakalo yangaphandle, wayengumlandeli othembekileyo weNkosi. Ngequbuliso, wafa kungalindelekanga. Yintoni eyenzekayo kuThixo njengekhaka lakhe? Okanye kufuneka siyiqonde ingcamango kaThixo olikhaka lethu ngenye indlela? Chaza. Yintoni uThixo ahlala esithembisa ukuba uya kusikhusela kuyo? (Bona u-1 Kor. 10:13.)

Isithembiso SikaMesiya: Isiqendu 1

"Zisikelelwe ngawe nangembewu yakho zonke izizwe zehlabathi" (Gen. 28:14). "Ukuba ke nina ningabaKristu, niyimbewu ka-Abraham ngoko, neendlalifa ngokwedinga" (Gal. 3:29). Kukaninzi uYehova exelala uAbraham ukuba kwimbewu yakhe, inzala yakhe, zonke izizwe zomhlaba ziya kusikeleleka (bona: Gen. 12:3, Gen. 18:18, Gen. 22:18). Esi sithembiso simangalisayo somnqophiso siyaphindwa, kuba kuzo zonke izithembiso, esi sesona sibaluleke kakhulu, esona sinyamezeleyo, esenza ukuba zonke ezinye zibe lulutho. Ngenye indlela, esi yaba sisithembiso sokuphakama kwesizwe sakwaYuda, awayefuna uThixo ukufundisa ngaso "zonke izizwe zomhlaba" ngoThixo oyinyaniso kunye necebo losindiso laKhe. Kanti ke, isithembiso sifikelela ekuzalisekeni okupheleleyo kuphela xa uYesu Kristu, oweza ngembewu ka-Abraham, Owayeza kuthi eMnqamlezweni ahlawulele izono zazo "zonke izizwe zomhlaba."

Cinga ngesithembiso somnqophiso emva koNogumbe (apho uYehova wathembisa ukuba akasayi kuphinda awutshabalalise umhlaba ngamanzi). Kunganceda ntoni oku ekugqibeleni ngaphandle kwesithembiso sokuhlangulwa okufunyanwa kuYesu? Zinganceda ntoni zonke izithembiso zikaThixo ngaphandle kwesithembiso sobomi obungunaphakade obufunyanwa kuKristu?

Uyibona njani imbono yokuba ngoAbraham "zonke izizwe zomhlaba" ziya kusikeleleka? Kuthetha ntoni oko?

Ngaphandle kokuthandabuza, isithembiso somnqophiso soMsindisi wehlabathi sesona sikhulu kakhulu kuzo zonke izithembiso zikaThixo. UMhlanguli ngokwaKhe uba yindlela ekuthi ngayo okufuneka kwenziwe komnqophiso kube nako ukwenzeka. Bonke, umYuda neNtlanga, abangena kubunye naYe babalelwa kusapho luka-Abraham neendlalifa zesithembiso (Gal. 3:8, 9, 27–29), oko kukuthi—isithembiso sobomi obungunaphakade kwindawo engenasono apho ububi, intlungu, nokubandezeleka kungasokuba bubekho kwakhona. Ingaba sikho isithembiso esingcono ongacinga ngaso kuneso?

Yintoni engesithembiso sobomi obungunaphakade emhlabeni ngaphandle kwesono nokubandezeleka kwilizwe elinomtsalane omkhulu kuthi? Ingaba sibulangazelela kuba yinto le esadalelwa yona kwasekuqalekeni nokuba, ngokulangazelela bona silangazelela into esisiseko kwindalo yethu?

Lwesibini

27 Apreli

Isithembiso SikaMesiya: Isiqendu 2

"Ukuze sikonwabele ukonwaba kwenene, kufuneka sithabathe uhambo oluya kwilizwe elikude kakhulu, side siphume nalapha kwiziqu zethu."—Thomas Browne. Qwalasela esi sicatshulwa singentla, esibhalwe ngesithuba se-1600. Uyavuma okanye akuvumi? Sifunde usayamise noko ukufunda ku-1 Tesalonika 4:16–18 kunye nakwisiTyhilelo 3:12.

UAugustine wahlala ngemeko yomntu: "Obu bomi bethu—ukuba ubomi obuzaliswe bububi obukhulu kangaka kungathiwa bubomi—bungqina ukuba, kususela kwasekuqaleni kwabo, uhlanga lwabantu abanokufa luhlanga olugwetyiweyo. Cinga, kuqala, ngomhadi welabafileyo owoyikekayo wokungazi ekuqengqelekela kuphuma kuwo yonke impazamo ethi igubungele oonyana baka-Adam kwichibi elimnyama ukuze ungabikho onokusinda ngaphandle kwelahleko yokusebenza nzima neenyembezi nokoyika. Emva koko, thabatha kwa ukuthanda oku kwethu zonke izinto ezibonisa ukungabi nto nokuba yityhefu nokukhulisa iintloko ezibuhlungu, iinkathazo, iinyembezi, noloyiko; uvuyo oluyimpambano enjalo ekungavanini, imbambano neemfazwe; ubuqhetseba nobusela nokuqhinga obungako; ubungininginini nekratshi, ukubawa namabhongo, ukubulawa kwabantu nobugebenga, inkohlakalo nengcwangu, ukungabikho komthetho nenkanuko; nazo zonke iinkanuko ezimdaka—umbulo nokrexezo, ukulalana kwabazalanayo nezono ezingezizo ezendalo, udlwengulo nokunye ukungcola okungenakubalwa obubi kakhulu ukuba bungakhankanywa; izono ezichase inkolo-ukunyelisa inkolo nokulahlekisa, ukunyelisa nokufunga ubuxoki; ubugwenxa ngakubamelwane—izinyeliso nokuqhatha, ubuxoki namangqina axokayo, ubundlongondlongo kubantu nakwiimpahla [izakhiwo]; ukungabikho kobulungisa ezinkundleni zomthetho, neembandezelo ezingenakubalwa nezifo ezizalise umhlaba, kodwa aziqatshelwa."—Augustine of Hippo, *City of God,* Gerald G. Walsh, S. J. trans. (New York: Doubleday & Co., 1958), book 22, chap. 22, p. 519. Isicatshulwa sika-Augustine sisebenza kuzo zonke izixeko zeli xesha langoku; kanti ke, wasibhala ngaphezu kwe-1500 leminyaka eyadlulayo. Kuncinane ngoluntu okuthe kwaguquka, nto leyo eyenza ukuba abantu bafune ukusinda. Ngethamsanqa, nokuba imeko yethu inzima kangakanani ngoku, ikamva liyakhanya, kodwa kuphela ngenxa yento uThixo awasenzela yona ngobomi, ukufa, nokuvuka, nolungiselelo lobubingeleli obukhulu bukaYesu Kristu—ukuzalisekiswa kwesiphelo sesithembiso somnqophiso esenziwa kuAbraham sokuba, embewini yakhe, zonke izizwe zomhlaba ziya kusikeleleka.

Khangela kwisicatshulwa sika-Augustine. Yiba nento oyibhala ngamazwi wakho ukuchaza imeko elusizi emhlabeni namhlanje. Kwangelo xesha linye, khangela eBhayibhileni nokuba yeyiphi indima onokuzifumana ezithetha ngoko uThixo wasithembisa kona kuYesu Kristu (umzekelo, kuIsa. 25:8, 1 Kor. 2:9, IsiTyh. 22:2–5). Gxila kwezo zithembiso. Zenze zibe zezakho. Kuphela xa wenze oko oya kuthi ukubambe ngokwenene ukuba umnqophiso ungantoni.

Uhlanga Olukhulu, Olunamandla . . .

UThixo akanelanga kumthembisa uAbraham ukuba kuye zonke izizwe zomhlaba ziya kusikeleleka; uYehova wathi uya kumenza "uhlanga olukhulu okunamandla" (Gen. 18:18; bona nakuGen. 12:2, Gen. 46:3)—isithembiso esikhulu kwindoda nomfazi abatshatileyo abadlula kwiminyaka yokuba bangaba nabantwana. Ngoko ke, ngoku kanye uAbraham angenanzala, ngakumbi unyana, uThixo wamthembisa kokubini. Kanti ke, esi sithembiso sasingazalisekanga sonke esaphila uAbraham. Asizange sibonwe sisenzeka nguIsake kwanoYakobi. UThixo wasiphinda kuYakobi, sinolwazi olongeziweyo lokuba isithembiso sasiya kuzaliseka eYiputa (Gen. 46:3), nangona uYakobi engazange yena asibone. Ekugqibeleni, phofu, eso sithembiso sazaliseka.

Kwakutheni ukuze uYehova afune ukuyenza isizwe esisodwa imbewu ka-Abraham? Ingaba uYehova wayefuna nje elinye ilizwe eluphuma kolunye uhlanga? Zithini iinjongo ezaziza kufezwa sesi sizwe?

Funda uEksodus 19:5, 6; Isaya 60:1–3; noDuteronomi 4:6–8; uze uyibhale kule migca ingezantsi impendulo yakho:

Ingathi kuyacaca ngokwesiBhalo ukuba uThixo wayejonge ukutsala izizwe zomhlaba zize kuYe ngokungqina kukaIsrayeli, nabantu abangcwele. Isizwe esinjalo sasiza kubonisa intsikelelo ehamba nokuthobela intando yoMdali. Izihlwele zomhlaba zaziya kutsalelwa ekunquleni uThixo oyinyaniso (Isa. 56:7). Ngoko ke, ingqondo yoluntu yayiza kutsalelwa kuIsrayeli, uThixo wabo, noMesiya, owayeza kuvela phakathi kwabo, uMsindisi wehlabathi. "Abantwana bakwaIsrayeli" babeza kuma kuwo wonke umhlaba uThixo awayewubekele bona. Ezo zizwe zalayo ukunqula nokukhonza uThixo oyinyaniso zaziza kuwuhluthwa. Yaye iyinjongo kaThixo eyokuba kuthi ngokutyhilwa kwesimilo saKhe ngoIsrayeli abantu batsalelwe kuYe. Kuwo wonke umhlaba, isimemo seendaba ezilungileyo sasiza kusiwa. Ngokufundiswa kwenkonzo yemibingelelo uKristu wayeza kuphakanyiswa phambi kwezizwe, zize zonke eziya kukhangela kuYe ziphile."—Ellen G. White, *Christ's Object Lessons,* p. 290.

Uyakubona na ukuhambelana phakathi koko uYehova wayefuna ukukwenza ngoIsrayeli noko afuna ukukwenza ngebandla lethu? Ukuba kunjalo, zintoni ezo zihambelanayo? Funda: 1 Petros 2:9.

Lwesine

29 Apreli

“Likhulise Igama Lakho”

[Ndize] ndikwenze uhlanga olukhulu, ndikusikelele, ndilikhulise igama lakho, ube yintsikelelo” (Gen. 12:2). KuGenesis 12:2, uThixo uthembisa ukulenza likhulu igama lika-Abram—oko kukuthi, ukumenza abe nodumo. Kwakutheni ukuze uYehova afune ukwenza oko nakuwuphi umoni, nokuba ebethobela enyanisekile na? ngubani olifaneleyo “igama” elikhulu? (Bona: Roma 4:1–5, Ya kobi 2:21–24.) ingaba uThixo wamnika ubukhulu uAbram bube yinzuzo kuye, okanye babumele into engaphezulu? Chaza.

Thelekisa uGenesis 11:4 noGenesis 12:2. Uyintoni umahluko omkhulu phakathi kwezindawo zimbini? Kungaziphi iindlela ethi enye imele “ukusindiswa ngemisebenzi” ize enye imele “ukusindiswa ngokholo”?

Akukhathaleki okuba icebo losindiso lilele kuphela phezu komsebenzi kaKristu ngenxa yethu, thina—njengabaxhamla kubabalo lukaThixo—noko kunjalo, sisabandakanyeka. Ikho indawo ekufuneka siyidlalile; ukunyula ngokukhululekileyo kwethu kucaca kakhulu. Umdlalo wamaphakade, idabi phakathi kukaKristu noSathana, lisadlalwa ngaphakathi kuthi nangathi. Uluntu neengelosi kokubini kulindele ukubona ukuba kwenzeka ntoni ngathi kweli dabi (1 Kor. 4:9). Ngoko ke, oko sikuko, oko sikuthethayo, oko sikwenzayo, qelele ekungabalulekini kwindawo yethu, kuneentsingiselo ezingathi, ngandlela ithile, zivakale kuyo yonke indalo [iyunivesi]. Ngamazwi wethu, ngezenzo zethu, nangomoya wethu, singanceda ukuzisa uzuko kuYehova, owenze okukhulu kakhulu ngenxa yethu, okanye singazisa ihlazo phezu kwaKhe negama laKhe. Ngoko ke,xa uYehova wathi kuAbraham uya kulenza likhulu igama lakhe, ngokuqinisekileyo, wayengathethi ngalo ngendlela elithi ihlabathi lithethe ngomntu onegama elikhulu. Into elenza libe likhulu igama emehlweni kaThixo sisimilo, ukholo, ukuthobela, ukuzithoba, nokuthanda abanye, iimpawu ezithi, nangona zinokuhlonitshwa lihlabathi, zingakholisi ukuba zizinto elingasoloko ihlabathi lizibona njengezinokulenza likhulu igama lomntu.

Khangela amanye amadoda neentokazi abanamagama “amakhulu” emhlabeni namhlanje, nokuba badlala emaqongeni, abepolitiki, abazobi, izityebi, nokuba yintoni. Yintoni engabantu ebenze banodumo? Thelekisa oko nobukhulu buka-Abraham. Kusixelela ntoni oko ngokugqwetheka kwembono yehlabathi ngokuba buyintoni ubukhulu? Kungakanani okwale mbono yehlabathi okuthi kube negalelo nakweyethu imbono ngobukhulu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Abraham in Canaan," amaph. 132–144 and "The Test of Faith," amaph. 145–155, in *Amanyange Nabaprofeti*. "Yayingelulo uvavanyo olulula olwaziswa kuAbraham, ingenguwo nombingelelo omncinane owafunwa kuye. . . Noko kunjalo, akazange azilazile ekuthobeleni ubizo. Akazange abe nambuzo ngelizwe ledinga. UThixo wayethethile, umkhonzi waKhe kwakufuneka ethobele; indawo eyiyeyona inolonwabo kuye emhlabeni yileyo uThixo wayefuna abe kuyo."–Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 126. Xa uAbram wayengena eKanan, uYehova wabonakala kuye waza wakwenza kwacaca ukuba nangona yena wayeza kuba ngumphambukeli, umhlaba lowo wawuza kunikwa inzala yakhe (Gen. 12:7). UThixo wasiphinda amaxesha amaninzi esi sithembiso (Khangela: Gen. 13:14, 15, 17; Gen. 15:13, 16, 18; Gen. 17:8; Gen. 28:13, 15; Gen. 35:12). Kangangesithuba sama-400 seminyaka emva koko, ekuzalisekeni kwesithembiso (Gen. 15:13, 16), uYehova wamxelela uMoses ukuba uya kumkhupha uIsrayeli eYiputa amse ezweni elibaleka ubisi nobusi (Eks. 3:8, 17; Eks. 6:8). UThixo wasiphinda isithembiso kuYoshuwa (Josh. 1:3), nangemihla kaDavide, sazaliseka kakhulu kodwa ngokungaphelelanga, (Gen. 15:18–21; 2 Sam. 8:1–14; 1 Kumkani 4:21, 1 IziKron. 19:1–19). Ngoku funda: Hebhere 11:9, 10, 13–16. Ezi ndima ziyacacisa ukuba uAbraham namanye amanyange awathembekayo bayibona iKanana njengomfuziselo, okanye ukuboniswa kwangaphambili, kwekhaya eliya kumiwa ekugqibeleni ngabantu bakaThixo abahlangulweyo. Kwimeko yesono, akukho khaya linokuma umphelo. Ubomi buyabaleka, njengo"mphunga obonakala ixesha elincinane, uze ke uthi shwaka" (Yakobi 4:14). Njengenzala ka-Abraham, nathi, kufuneka siqonde ukuba "apha asinamzi uhleliyo, singxamele lowo uza kuza" (Heb. 13:14). Ukuqiniseka kobomi obuzayo noKristu kusigcine simi siqinile kweli hlabathi lenguqu nokonakala.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Simele ukuba negalelo elithini isithembiso sikaThixo somhlaba omtsha kumava wethu ngokwethu obuKristu? (Thelekisa: Mat. 5:5; 2 Kor. 4:17, 18; IsiTyh. 21:9, 10; IsiTyh. 22:17.)

2."Ubukhulu benene babuza kuba nesiphumo sokuvumelana nemiyalelo kaThixo nokusebenzisana nenjongo yaKhe engcwele."—*SDA Bible Commentary*, vol. 1, p. 293. Xoxani ngokuthethwa yile ntetho.

Isishwankathelo: Izithembiso! Indlela ezixabiseke ngayo kokholwayo! Ingaba ziya kuzalisekiswa? Ukholo luphendula luthi, Ewe.